No 8

MS 16,337 (a)

# IBALI LAMA HLUBI

THE NATIONAL
EXERCISE BOOK

School ..........

Subject ..........

Name ..........

Class ..........

MASKEW MILLER L^TD
CAPE TOWN.
Educational Publishers and School Furnishers

NGU

HENRY MASILA. NDAWO

yamawabo.
Uludidi usinge eNgqungqu, uMantsongo yena waakwenye indawo. Uthe ngomnye umhla esalusa iinkomo, wazifiya emadleleni wathubeleza waya kumkhuluwa wakhe owaye mboniseve ephupheni apho akhona.

UMantsongo uzeke intombi kaNgewu, umjana wakhe wamazubelo nguMpande yena uzeke intombi kaMadzikane, ngayo uzele uDavid, yena wazala uGibisela (Richard) yena uzele uMsiywa (Carmichael).

URichard lo ubengumfundisi (Priest) kwihlelo laseTshetshi.

Ikhaya lale nzala likwaKamohlakoana kwisithili sase Matatiele.

# (2) UMTENGWANE

UMtengwane yeyona nkulu kaLudidi. Umzi wakhe ubuse-Qhankqu kummandla waku Qumbu.

Ngexa awaqalayo ukuphatha amaHlubi koyise, wathenga ihafe eliyinkabi kuBenya lo ka Nyokana wakwa Xaba, ibala lalo lalifosi, Liyimbaleki, igama lalo inguDamse.

Ngomnye umhla Le biiwa eli hafe Li Mpondomise uMabokuva into kaDyodo waya nalo kwa-Mdedelwa, emaPingeni, apho afike walithengisa.

Lafunwa, Laza Lafunyanwa kuMdedelwa; wakhwela kulo wazimela waya eNyandeni. Eyile abantu boka Mtengwane ukuya kumlalela ezibukweni awaye zakubuya ngalo.

Kukho untamnani ow

ku Mdedelwa wambikela ukuba ma ze angabuyi ngalo ndlela yezibuko; kuba impi ka Mtengwane se ifelene apho. Yabuya ekhaya yonke impi akuba uMdedelwa engadluli.

Kwohlanganiswa impi ngu-Mtengwane, yohloma. Lye yonduluka komkhulu, ithe xa isemNceba yenza umnqqingo, oko kukuthi yalawulwa. Yafunza kwa Mdedelwa kunge kothi qheke ukusa. Yadibana! Kwaphetha ngokundululwa kumaMpondo, kwothinjwa ikhulu Leenkomo, newaka Leegusa, kuthe apho Libanjwa khona elo hase kwaliwa, bambulalela apho uyise ka Mdedelwa, kwezilwa naye uDamse. Ihase dabolekela kuma Mpondo Lelika Xhala Lo ka Mpolweni wakwa Dlomo.

UMantiji obe kuQumbu uthe akuyiva Le nto wakha wambiza uMtengwane ukuba aze kuxela

phambi kwakhe ukuba ube ewahlasele ngasizathu sini na ama Mpondo.

Ufike waxela udaba lwehase lakhe. Umthetho uthe ma kabuyisele yonke loo mpahla abe yithimbe kuma Mpondo nexheliweyo ivuswe.

Ukususela kwelo xesha akabuyanga akhathaze amaHlubi.

UMtenguwane ububele apho eQhankqu esiya uXhabadiya owabethwa nguMbane.

Amazibulo akhe yintombi uNonesi, owendele kuKumkani wama Mpondo ase Ntsona-Langa uVictor Poto. Yena waziwa nguJubele (Joubert) yena azale uManz'odibodi.

## (3) UNTSINDA-NTSINDA

UNtsinda-ntsinda uzalwa leliya kpoti lidume kunene uMehlomakhulu, unina nguYinganisa (Linganisa) intombi yakwaDlomo. Uzalelwe eMgwadleni; uhlile ekunye noyise ukusinga eHefele.

Yinkosi yokuqala eya fikayo eNo-man's-Land kweza zivela eHefele, kodwa ufike sel' ekho uLudidi. Umise eMandileni kumlanjana iNcome kummandle wase Mt. Frere. Ufele khona efiya uMabubula indla-lifa yakhe no Mkhwenkwe imbutho. UMabubula uzele uSonkqifi. UMkhwenkwe ukhe wambambela kuba ebesemncinane.

Ngomnyaka we 1916 kweye Nkanga (Nov), u Mmangwana i Tadebe lakwa Ntfayi obe sisibonda esingaphantsi ko Mkhwenkwe, uvuse udufe engavumi kudipha

iinkomo zakhe, kude kwathanda ukunga kungaakubana, kuba uthe xa uTulumente ezama ukubothaza oboo budlongo-dlongo, kwafa iinto zontathu zikaPolisa ezaye zingaku-Mmangqwana, ezi zezi, uZweni, uMakhathangana noKhwalu-khwalu iinto zakwa Ntlapho.

Ithe kanti le nto namaBaca kaHoli adlisa iindlebe zawo ngayo, nawo ngoku suka ayingena; kwawa iqakamba kobandayo, liwiswa nguPhoso lo ka Mcombi wasemaToLweni owaye enqummi kwesika Holi. Kuthiwe yonke le nto ibangelwe ngu Mkhwenkwe.

Ityala laBavukeli Lathethwa eMonti ngumqwebi, ngomnyaka we 1917. uMkhwenkwe wafunyanwa enetyala. Ufenxisiwe ekubeni libamba kwa ngawo lowo mnyaka, emva kokuba kuthiwe ma kaphole ama £300.

Kweye Khala (July) kubekwe uLonkqifi unyana ka Mabubula

Ngomnyaka we 1923 uye wabuba uMkhwenkwe.

U Sonkqifi uzala u ---

# (4) ULUPHINDO.

ULuphindo uzalwa nguLuzipho ngentombi ka Jobanqa wakwa Mpila u Sakazi. Uzalelwe emZinyathi. Wavelela ebunzimeni obukhulu. Kuthe ngenxeni yoku soloko kukho ibango elingaade Liphele bazungula ukumbulala. Waye khe aphathwe kufakwa ezithungwini zencha, azinyaliswe eziintangweni ekhaya. Ude unina waya naye kwa Mapanqa e Nsukazi. Uye wagcinwa apho okwexesana elingephi, kodwa u Duba ubuye wamthabathela kuye.

U Duba ube nonyana oyintanga ka Luphindo ogama Lingu

Mathandela. Uthe uDuba yakuba intlolo ingamlungeli kwelooyise, intlaka-ntlaka, wafuduka ekunye nonina kaLuphindo nabantu bakhe.

Kuthetheka indawo ethi, uDuba lo emqcina nje lo mntwana kukuba engowomkhululwa wakhe.

Ufike wemisa eluSuthu kwaBede unyana kaLisawana.

Athe akuba Laa makhwenkwe ekhulile kwafuneka alusiwe.

UDuba ufumoyele indawo ethi ufuna ukwalusa uMathandela, akathetha nto ngoLuphindo; kwakhanya kwa oko ukuba ufuna ukulungiselela unyana wakhe igama lokongama.

Kuvele ndoda ithile yakwa Masiyi uMgoboza, yamkhalimela kuloo mcamango wakhe.

Uthe uDuba esemathidala njalo ngayo le ndawo, wakhawuleza

uMgoboza wabiza uBukazi, uJokozela, uMini, uMagadla noMehlomakhulu; ziinkosi kwezo, esithi makhe zizokuva esisimanga sithethwa nguDuba. UMgoboza uyihambisile yonke into oyaziyo; kwavela ukwathiwa kuphi uDuba naye makakhe aqhube okwakhe ukwazi. Uphendule wathi walusa uMathandela. Baye bamthinta ngamandla bathi makaqale aluse uLuphindo.

Oku ngavisisani kughube ngamandla, kwada kwaphetha amasuthu enziwe amabini ahlukeneyo.

Kuthe ekhaya phaya, ngexa kudliwayo kuvelwa kubekwa amakhwenkwe entabeni, kwavela ndoda ithile yathi, "Isuthu lilunge kuMathandela, uMgoboza angayenza into ayenzayo."

Ngelophanyazo uwe ezikhalini zakhe uMgoboza kwaakade

ukubetha wazijula kuyo ephela, wayi hlaba wayi bulala loo ndoda. Le ndoda ibuleweyo yayi ngumninawa ka Madaphuna umfo wakwa Dontsa, waye u Madaphuna yena e beyi nduna ka Duba.

Ukungavani phakathi kwezi zindlu zom bini kuse ngamandla nanamhla.

U Luphindo uzeke intombi yakwa Tshabalala ka Mayambela.

Uphume umzi wakhe ekhutshwa nguyisekazi u Duba. Bawutshisa abeSuthu loo mzi.

Uthe akubona ukuba use ngozini noyisekazi akamniki bantu, wanduluka waya eHeshele, iinkomo zakhe zathinjwa e Maphuzini ngabeSuthu baka-Bushuli.

Abantwana baka Luphindo

Mapawu

abeza emva kuye nguNtLiziyo owabuba eseLula no Matyakalara.
Iintombi nguMswazi no Ndlunkulu.
Kaloku ke uthe akuba efikile eHeleLe zaqala zothuka iinkosi zamaHLubi ezazi kwelo; kwa oko ziye kumfo ka Austen owaye LiLiso Lika Tulumente kwelo, zakuxela ezikuxelayo kuye ngaye uLuphindo Lo; kuba umfo ka Austen uthe kuLuphindo, uvile ukuba nguye omkhulu kula maHlubi aseHeleLe, ke kaloku indawo ayikho elingene yena, umhlaba se uxinene, kungaLunga ethe wehla no Adam Kok inKosi yamaQweLane ukuya eNo-man's land, Khon' ukuze afumane indawo eyanele yena. Uthe umntwan' enkosi lo kuba uchithakeLe engenaBani sel' eyifumene nengqondo yamawaBo

apho imi khona, wavuma
ukulandela uAdam ngowe 1862.
Uthe akuba ehlile
e Ongeluk's Nek, ~~wat~~ wandulula
uVelem Gwabeni nabanye
esithi ma baye kuyisekazi
uLudidi owaye sel' emvile
ukuba ukweli. UnKosi uLudidi
umhlangabeze ngomxhelo, waza
wehla naye akuya eNtlabeni.
Umphelekile wamsa
ku Makhawula uyise ka Mnchisana,
yena wampheleka wamsa ku Mapawu.
Unikwe umhlabu eMvenyane,
u Adam umthabathile wamsa
nganeno kwase Siliver (Cedarville),
ukusuka apho uye weza
e Manxoweni naase Bethesda.
Ububele eThaweni ngomhla
we 9 Kweyo Kwindla ngowe 1900.
Phakathi kweemfazwe
neziphithi-phithi ~~ezazi~~ khe zaakho
zika Tulumente namaMpondomise

nabeSuthu baka Magwayi (1880), nguLuphindo owaye ngumlomo wamaHlubi ase Matatiele, kuba uTulumente asindoda ifuna gela Lininzi emcimbini okonye emthethweni wakhe. Waye nyulwe kwa ngawo amaHlubi.

Unyana wakhe neyona ndlalifa yakhe ngu Mpande ozalwa nguma Tshabalala, ubube tanci kuyise kweye Kh'ala ngowe 1899.

U Mpande uzele u Mapolisa ngentombi yakwa Khambule yena uzala u Mtswasile (Merriman) ngentombi yakwa Phakathi.

U Mtswasile uzeke intombi yakwa Tadebe eza ngomli bo ka Ngwana.

Kwindlu yakhe yesibini u Luphindo uzele u Mlanduli oziwe ngu Mbengo. U Mlanduli uzala u Mphikeleli (Simon) obube ngomhla we 7 kweyo Kwindla

ngowe 1925.
Kwindlu yakhe yesithathu uLuphindo uzele uMbuyeleli, yena wazala uTshwene-muthu (Samuel) obube ngomhla wama 20 kweyomNga ngowe 1941 eshiya unyana wakhe uNjanyana.

## Izibongo zikaLuphindo II

"'Zizwana zonke zithi,
"Womlethe ka Madinane!"
Ugamb'uluNdi walenz'iindlela-ndlela.
Ludadamb' olumbambo zibalwakho,
Lwavunyw' enkundleni kwa Austen.
Kwasa be Lulandula.
Uphos' iNgwanyana, waphos' iSwazana."

Mkhuzangwe

# (5) UMAGADLA.

UMagadla uzalwa nguMthimkhulu ngentombi yakwaTadebe koSwebelele uMpaba-mpala, uzalelwe emZinyathi. Unduluke kwelooyise ngemfazwe kaDuba noLangalibalele. Waya eluSuthu eThaba-Bosiu esadla ubomi uMswebwe; ukusuka apho uye eMadlangeni, waza walusa unyana wakhe apho ~~uA~~ uMangúzela.

Emveni koko ubuye watudukela eHefele kuMhlambiso, baye abavisisana kakuhle ndaye ngobukhulu bokuzalwa nendawo yokuma. Kuthe kungeka bi lithuba lingakanani emva koko, kwadlula uAdam Kok ePhatlalla.

UMagadla uthume uSokhamba kaMagudu kunye esithi ufuna

ukumlandela kuba nonku umfo ka Austen emgxotha; kube kuxatyenwe ngomhlaba noManxeba ka Mkhuzangwe. Uvumile uAdam.

Engekamlandeli ukhe wemisa kwenye indawo, kanti akagondanga ukuba ilidlelo. UManxeba wala nayo yada le nto yaqhaqhwa ngumfo ka Austen enkundleni yamatyala, owathi xa aqwebayo, "Mafadla khawelela e Hefele!"

Naye akabanga sadenda, uqqibe ngokucela incwadi yokufuduka kwa kuye u Mnu-u Austen lowo. Uthande ukunga angamangala, wamane ukuba nentetho eyothusayo, ethi, kothi xa abantu bakhe be ngaphezu koluNdi aba bambe amapolisa.

Bothe bakuva ukuba kukho izwi elinjalo elivela kuye, amadoda aye fanele kukuhla nomntwan' enkosi onge angaposa.

Abona bantu baphumayo baba maʃumi mabini anesibozo, abane kubo yayi ziinkathavu zamaxhego.

Bangola uluNdi seL' eneminyaka emibini ehLiLe u Adam.

Kwalē kanye xa ~~a~~ akule ndawo kumi u Mnyamana Lo ka Potwana ngoku, waqalele ka uLudidi evela eNtlabeni ephethe isanchozi, saba nceda obantu baka Magadla kuloo ndlala.

Ukhe wathath' ikhefu apho eNtLabeni. Emveni koko uye ku Adam eKokstad, ufike wapola incwadi Leya evela ku Mnu u Austen, ithe kanti iya mtahla; kodwa wamvuma. Ubuyele kwase Ntlabeni, akenzanga xeʃa lide khona, ubuye wenyuka weza kumisa kule ndawo abubele kuyo, ngasentʃona-langa kumzi wase Matatiele, eʃiya

unyana wakhe uManquzela kwindlu yakhe enkulu, uNtaba kweyesibini, uNgoma kweyesithathu.

UNtaba uzele uTomasi, yena wazala uZwelibanzi.

UManquzela uzele uNzobo, yena wazala uNgwayeni obube ngomhla wama 24 kweyo kwindla ngowe 1924 esiya uHlomendlini. Abaninawa baka Magadla ngu Luthuli no Mja, uLuthuli uzele uHlomendlini owokuqala no Mpumbelo Lo, yena wazala uMuki, yena wazala uMvula, Le nzala ise Hesele phaya. ULuthuli ngu Lowa wabulawayo ngu Dingane kwa Zulu ngalaa mhla kubulawa u Dlomo itshawe Lasema Hlubini.

## UManquzela.

## II

"U Mhlehl' omhle wako bo Myabula."

# (6) UMATHANDELA

UMathandela uzalwa nguDuba, unina nguNdama intombi kaLunika koZingelwakho koNtsele.

Uzalelwe emZinyathi kwaQili. Ugxise esiya eluSuthu nje sel' eyinkwenkwe. Emva kokububa kukayise, uye wabaphatha abantu bakhe.

Kuthe kusemiwe kwaLesawana apho, wazeka uMonko intombi kaMmangwana.

Isandul' ukuxola eyeSigiti ngowe 1868 usinge eHeshele kuNtaba kaMagadla, ucele umphako kwaakuphela, waqgitha weza eMatatiele; usiwe kuLudidi nguLuphindo no Magadla.

Unyukile weza eSigoga apho kube kumi abeSuthu, ubuye

wehla waya eTolweni apho abubele khona sisifo mayela nomnyaka we 1883. Ufiye unyana wakhe uNyaniso, yena uzala uLidziga ngentombi ka Magondwana wakwa Mafiyi u Nongazi. ULidziga uzala uStanford ngentombi kaMbobo koTadebe.

Le ndlu yeyona mbutho ka Mthimkhulu owesiбini.

## (7) UJOZANA.

UJozana uzalwa ngu Mini, umkhuluwa wakhe ngu Mzimkhulu. Ilanga uliбone emZinyathi eNsukazi. Phakathi kwedluli elaliwayo nguyise u Mini esilwa noLangaliбalele encediswa ngu Dingane inkosi yakwaZulu; kuvakala ukuбa uJozana lo

wathi eyi nkwenkwe, wabulala umntu kubeloo duli, kukuze kuthiwe ngaye :-

"Ngu Singqwamba ngambuuzi,
Kant'abanye banqwamba ngankomo."

Bachithakalela eluSuthu. Walukela eMadziyeni (Matsieng) ngaloo ndlalakazi inkulu kunene. Xa alikpwala waya eBayi, wasebenza ixesa elide khona, ude wabaqa ipuluwa, weza nayo ekubuyeni kwakhe; wafika wayi thengisa kuba Tothu. Uzuze iinkomo ezininzi ngayo, kuba kaloku ezakowabo zazithinjwe nguLangalibalele. Uthe emva kokububa kukayise waya eHefele, umise umzi wakhe ngasemPuma-langa kule ndawo ngoku iyi sinali yaseBensonvale

Igama lendawo leyo yiNqada.
Ngasemva komzi wakhe kuicala lasemPuma-langa ukuya kuthi xhaa ngoluNdi (Drakensberg) kukho ingquthu ebalaseleyo ngobuhle, nengabileyo ekufihleni impahla ehambayo, bathi abelungu ukuyibiza yiJozana's Hoek kuba nguye owaqala ukuma apho.
Oko umbali lo 'ebese seBensonvale phaya emfuthweni ngowe 1901 xa aminyaka ili 18 ubudala, wakha waanenyhweba yokunyathela le ngquthu, ngesizathu sokuthi oku ngemiGqibelo ethile aman' ukucelaba yititshala yakhe uMnu-uBen Read (owabuba sel' eseLovedale,) ukumpheleka bekhwele emahasheni eyokuzingela izakhwatsha; kuba asikukho nokuba zazisaphulan' apho.
Ekuyi ngeneni ikhangeleka

Myemaneni

bucutheka obubambe busongo; amanyathelo ambalwa ukuya phambili, iqale yande macala onke, kuba inomsingana wamanzi oyivuyisayo obaleka khona, ize ke yenze loo magoso-goso mahle aqudla isithende saloo macala amxethuka aphahle loo msingana. Yiyo leyo ikhabela phambili ukusinga emPuma-langa.

Kwiindawo apho iinggolo zeentaba zifenxeleneyo, ifikangalele, izaasisigingqi esinabileyo nesibukeka kunene.

Ngaloo maxesha obuhle belizwe, yayi thiwe finyi sisidwadwa nayimithana yolunye uhlobo kwa nemingquma. Isixhobo sengwe sasi kwakho kuyo le ndawo.

Nowaye nge nguye uJozana waye ngayi bingela ngayimbi indlela le ngguthu. ngenxeni

yokungqaba kwayo.

Kwiifama zamaBulu phesheya kwe Gqili eFreyistati kuphikele ukuthi shwaka iinkomo zawo ze angazazi apho ziye khona.

Umkhondo wazo a beya awulande ade aliwele iGqili azekuwa eHeshele. Hayi bo, asuke ajike engazifumananga.

Ma xesha ubambi lad maBulu abekhe ade azincame aye kumfo ka Austen, bafune nkqi, ekho naye isiqu, ukusuka ku Ndofela, emBihli, e BLikana, eZitapile, kwa Nodwengu, eMyemaneni kwa Manxeba, kwa Mehlomakhulu nakwezinye iindawo ezimi ngolu Ndi. Hayi bethu, bangafumani nomkhondo lo.

Ayawathi amaBulu ku Mnu u Austen, "NKosi Austen, aaba bantu u baphetheyo nga bo kanye abazibayo iinkomo zethu."

Athi ke yena, Anincami!
andithi ndaye ndibe ndikunye
nani ekuzifuneni, saza asazifumana!"
Okukhona wemayo uJozana
kweli nxowa lakhe eNqada
kwaba kukhona zibiwa
ngakumbi iinkomo zamaBulu.
Kuthe kuba ezinye izizwe
eziNtsundu azifani namaXhosa,
wona angayaziyo into
yokuhlakaza uwabo nokuba
sel' enze bubi buni na, suka
kwavela mSuthu uthile
eSterkspruit (eZitapile) phaya,
ogama linguMpuru-mpetla
waya kumaBulu ngokontamnani,
wawaxelela ukuthi, ngu-
Jozana lo mntu uzibintelayo
iinkomo zawo.
Athe akuva ukuba kunje,
aya sel' engasawunyatheli
umhlaba kumfo ka Austen.
Aye kwaJozana sel' ekunye

no Mantyi namaHlubi.
Wanyanzelwa engavumi uJozana ukuba abotsale angene kunye nawo kuloo mhlaba wakhe. Afumene inkomo ifelene kwesoo siginqqi sisekuphetheni.
AmaBulu ayi khetha eyawo imibala kwa neempawu kuloo mhlambi, azi qhuba agoduka.
Kuthe kaloku kuba se zilapha zonke iinkosi zamaNgele-ngele, ezamaZizi nezamaBele zixhobe zaqqiba, kwafuneka ukuba umcimbi lo ekungawo, uqoqeliswe.
Emva kokuba emkile amaBulu, kutyunjwe bathile ukuba baye kuphathuma igela leenkomo kule ngqithu. Beze beqhuba isiphuphu seenkabi.
Zadutyulwa kwa oko zonke yazu inyama yazo yaabelwa

amabandla.

UJozana wahamba kangaka ngumsindo, sel'eman' ukufunga esithi, "MDLa-bantu! se konakele ngoxolo!" Laa ngamazwi awaye kholisa ukutva thetha xa sel' ekhathazekile.

Izulu elibi lisile kusasa, lithe emini emaqanda Laaselimnyama ziingqimba zamafu. Kuthe kanye xa yosiwayo Le nyama, se ityiwa, kwaqala kwakhokela uqhwitheLa olungaqhelekanga, kwatshawuza imibane, Ladlala ke izulu eNgada. Iindudumo ezabakhoyo apho zatsho kwasiphuka izicithi; amadoda akhafula uthuli ngemilomo, aziintsali, ayi siya nalo nyama se ilutHuli apho eziko.

Kulo eli thuba, kubonwe umThembu esiwa ezikweni

Lomlilo; akukho waziLeyo nokuba wawiswa ngumfutho wezithonga zezulu.

Asiyi kulala siyazi ke thina imbangeli yale nqugulo ihlé esibaka-bakeni ngelophanyazo.

Amanye amawethu ayawathi, "Lizulu Lika Jozana eli, usilwisa ngalo." Phofu yena uthule tu, ngaphandle kokuman' eziwa efunga esithi, "MDLa-bantu, se kona kele ngoxolo!"

Kwaye kulapho engabonwanga kunyukela emafini eyokucela uncedo.

Wanikwa ityala Lobusela, waza waqwetyelwa ukugxothwa ngu Tulumente kwelase Hegele.

Nabani na owaye nobuganga bokumbuza esi senzo wasenzayo ukuba siyi ntonina, wayeya aphendule ngelithi, "Andililo sela mina, koko ndiya thimba poqo kwezi zaba-

Mhlophe bodwa, kuba bezilintsaba; andisayi kuze ndenze Lutho kwezamawethu."

Ngasentsona-Langa kule ngqu thu kumi ngoku umzi wesikolo sobantwana sase Wesile, owaziwa ngokuba yi Jozana's Hoek School.

Nje ngoko wasenxiswayo apho, waya elu Suthu e Matateng.

Uyilwile imfazwe ye Siqiti ngowe 1868 engakuma Bulu. Kunyakana i Mswe swe walicelela u ilizwe lakhe ukuba libe phantsi kwephiko lom Buso wase Ingilani, ngokubona ukuthi amaBulu aqhubela ekumxakeni.

Mbangi yokuba u Jozana namhla simbonde encedisa amaBulu ma kube sesiya sizathu sokuntanywa kwakhe ngu Mpuru-mpetla um Suthu.

Emva kwaloo mfazwe ukhe wemisa kwa Morosi umPhuthi, ubuye wehla weza e Griqualand East, wafika wemisa eTsitsa apho abubele khona.

"UVela banyakame,
UMth' omde wakwa Austen."

Inkulu yakhe nguMabutho yena uzala uSigoqwana (eMatatiele).

## (8) UZIBI.

UZibi uzalwa nguSidinane; indawo awalibona kuyo ilanga ayi chaneki ncam; noko kucace into yokuba wazalwa ngeziya zithuba amaHlubi akha aphindela emZinyathi emva kokubulawa kukayise. Wazalelwa endleleni, kungoko kuthiwa nguZibizendlela.
Unina nguMpugane intombi yakwaMasiyi.
Xa ayi nkwenkwe uhlile waya eMgwadleni, nalapho akahlalanga xesa liphi, ubuye

wanduluka wasinga eHeſele.
Kukumnyaka we 1860 ngomhla we 19 KweyeThupha ekwafika itſhawe umfana woKumkanikazi uVitoli, uAlfred, eAlvani phaya ngotyelelo.
Iinkosi zamaHLubi aseHeſele zaya kumkhawulela apho. UZibi naye waye lapho, kwano Mſweſwe uKumkani wabeSuthu ekunye negela leenkosana zakowabo waye lapho.
Kukhe kwathi kufutſhane nje emva koko kwaakho enye imbizo, ngathi yayi sanxulumene nayo leya yayi se Alvani. Zaya zonke iinkosi zamaNgele-ngele neze zinye izizwana kuyo. Indawo apho yadibana khona kuse zantsi koNtunja kwesiya sihlangana saziwa ngokuba kuku Nonciywana esijongene ne ofisi yase Hefele.
Kuyo le ndawo kanye,

umthunywa kaTulumente owoyeze apho ngokuyalelwa bubukhulu, wapola imali (asiyazi u bungako bayo) athe xa athethayo yeye nKosi ye Hlubi eyona yongamileyo kwezoo zibe zise Hesele. Kuthiwa amaHlubi aye zobe ngokuncamisileyo kwa nje ngoko aye nje njalo ngalowa mhla wase Alvani; kodwa ngolo suku lodwa, uGunundu wakwa-Nkwali owecala lakwa Magadla wabaqqwesa.

Kulusizi ukuthi le mali yathanda ukudala ezinye iingqondo, kuba kuthe kwakuvakala ukuba ikho imali esisipho epolwe ngale ndlela kwaakho ukuhumzela nokubuzana okuthile ngayo, kuba akukho nKosi ibisaziwa iyintloko apho eHesele ngeloo xesa. Iyileyo naleyo ibinesiqwengana sayo kumhla ba ongokaTulumente ingenguwo okaBungane. Bakho aaba bacitshe

igama likaZibi be sithi ilunge kuye kuba ezalwa kakhulu; bakho kambe naaba bathe ilunge kuNgqaqangana oza mva koZibi, be sitsho mhlawumbi nabo ngento ababeyazi.

UMagqadla naye uvele wayicingela elakuba Mthimkhulu icala, esithi, "Amanzi amadala akhutshwa ngamatsha." Waye thetha ukuthi inzala kaMpangazitha yayi ngongamanga ngaphezu kweka-Mthimkhulu. ULuphindo waye seluSuthu ngeli xesa. Aa bo bathi ifanele uNgqaqangana yayi kwa ngamaduna akwaZibi boNkeltshana lo kaNkambaze umfo wakwaDlomo no Ntlasela ka Mayambela umfo wakwa Tshabalala nabanye.

Ithe le nto ayaza yamhlala kamnandi, akuyiva uZibi. Emva kokuthetha okuthile oku be kuphakathi kweenkosi zodwa, kwafumaneka ukuthi ma ilunge kuye.

Pirintshu

Ngamhla uthile kwabiywa ibandla ngezinti kokwabo Zibi ngomyalelo wakhe. Laphingelwa ngobunono. Amasango eenziwa amabini, elokungena inkosi iphume ngalo, nelokungena amadoda aphume ngalo.

Ekuqqityweni kwalo kwafunyaelwa imbizo. Kuthe akuba sel' ephelele amadoda, waphuma uZibi endlwini ezithe wambu ngomnweba wenqwe, kanti uguse iqqudu lakhe kuwo.

Uvakale xa esesazulwini sebandla kuthiwe ngqdalala ngamadoda esithi, "Ngabaphi na aaba bathi ondiyo nkosi, inkosi ngu-Ngqanqana?" Uthe engekaphezi ukuthetha, laba iqqudu sel' enze umonakalo. Amadoda atsi ba ibandla sel' emehlo amnyama.

Kukuze ke kuthiwe ngaye Loo mini:—

"Ipamncw' elimaziny' azingqindi,

Lanamathel' emaduneni,
Izinene zolenga phezu kwebandla."

Waphakanyiswa ke uZibi ngumfo ka Austen kusitsho ezinye iinkosi.

Emva kwethuba elinobomi wehla kwezoo ngqondopa zoluNdi, weza eGriqualand East engekatshati.

Umisé eMadumasini, ukhe wahambela ku Makhawula inkosi yamaBaca nakuLudidi.

Ekubuyeni kwakhe kuwelwe iThina ne Thinana, yimilambo ke leyo; kwemiwa ePirintshu.

Unyukile eye kutshata, esiya abantu bakhe.

Kuthe emva kweveki esimbini emkile, wasala eqaleleka uMhlontlo ka Matiwana iMpondomise. Ubuzile eyona nto baze kuyi funa emhlabeni wakhe. Bathe bona babekwe nguZibi. Ngeli xesa

Limina

uNgqangana waye ngekho. ekwaLudidi eye kucela umntu wokumpheleka amse ku Mhlontlo aye kumbikela ukuthi iinkomo zikaZibi zilapha.

UMhlontlo waye hamba namadoda alithoba. Ucele inyama yegusa, waza uXukuthwayo iBele umalusi wempahla kaZibi, wamxhelela udlolo.

Isaphekiwe njalo inyama, kufike uMaphasa wakwaMzizi, uMbrada wakwaNdlela, uMpokola waseSwazini, nento kaNobaba yakwaNkala, bevela eHefele.

Ukumka komhla, kwakukhov' ukutyiwa loo nyama, undulukile uMhlontlo. Kubekho madoda athile kula kaZibi aye athwethwa amlandela; ude waya kufika eThogwana, apho ke into ayi bone ngamehlo — umkhosi ka Mhlontlo.

Uthe ekuwuphakamiseni kwakhe umnqwazi, yafunquka yonke impi

yakhe. Umhlaba unge uya ʃukuma, lide labuthambeka kakhulu ilanga ungadanga wavuma ukungqamka loo mqokozo. Lithe xa litʃhonayo ela loo mhla, waqaleleka uNgqaqanqana. Kuye kwafahlwa apho ePirintʃhu, kwabuyelwa kwase Madumasini.

Kufike uNdawo lo ka Gamalikade umfo wakwaJali-Khambule, u Mbulawa ka Mncedane wakwa Maʃiyi, uVelem ka Nzunga, u NKonyane, uZabuleni no Madalasana; kwakuxa lithwasayo ihlobo.

Kambe ke, ubuye wafika uZibi ekwindla, esiza nqlenqwelo ngendlela yase Tsomo ehamba no Lumina umzá wakhe no Bereng ka Twayi-pwayi umfo wakwa Dlomo; balalise eNdenxa, bathe xa bandulukayo apho balala beliwelile iTsitsa. Ngosuku oluziwa lolo

kucacile

bawela iKhethe-khethe, uLuzi ne-Thina, wade wafika eMadumasini.

## InKathazwana

ULehana umDLongwa, uLebenya umSuthu, uMhLontLo iMpondomise.

Ezi nkosi zontathu zancedana zahLanganyela uZibi. Akukho sizathu sivakaLayo esabangela ukuba zenze oko.

UZibi wathumela izwi ku Mnyamana kaPotwana, ku Ludidi nakuNtsinda-ntsinda ka MehLomakhuLu elithi, "Bantwana bakowethu ncedisani ndafa."

Ewonke amadoda kaZibi okuma ethafeni aye ngamaʃumi amathathu anane, obunye ubuviLikitʃhane obu ingamakhwenkwe.

Yinto eyaziwa ngumntu wonke okokuba umsebenzi wenkwenkwe ungade ubemhLe ugqagambe akusayi

kuze uve unconywa.

Amagama aloo madoda siyawazi, kuloko singasayi kuwafaka apha ngenxeni yesithuba.

Ezile ke La maHlubi abe ehlatyelwe umkhosi nguZibi, kodwa amanani eentsaba ongama gqitha.

Nangani be se sikhe sakhankanya sathi isizathu sa singekho esaba yeyona mbangeli yolu duße, noko kwacile ukuthi sasikho.

Ukuza kuma kukaZibi eGriqualand East apha kube ngumona omkhulu kwesi nkosi zintathu.

Zacacelwa okokuba uze le ukuza zibandeza.

AmaMpondomise kaMhlontlo ngawo kanye awaqalayo ngokuman' exhokonxa amaHlubi. Akha ahlasela uDuba Lo kaSiyothula wakwaDLamini — angqangi, owayemi ngasemdeni — esithi uLixhama

eligxoba-gxoba amanzi ngaphezulu emahlathini apho. Kukusuka kwa oko amwele ngebaqo, aze athi nakuba sel'ede wasabela egqlombeni, kanti akasayi kuze amyeke kunye neloo qelana lali kunye naye be ngabenzanga iinduma, ~~be ngathim~~ be ngathimbanga nampahla ikambayo.

Kukhe kwathi ngomnye umhla ebusika emva kwesi senzo, wanduluka uDuba ekamba namadoda alifumi eye kuziphindezelela kulawa maMpondomise aye khe amwela, akwa Mphakama e Gxaku, wayizimela inkosi. Wazithimba iinkomo zakhona, kuba aye ngamlindele.

Ekubuyeni kwabo kwasala amadoda amathathu endleleni ebulewe yingqele. Ngathi aye thathe kakhulu entselweni, ekuyiyo loo nto athe akuziva "epasonti" anakana ngo Mphakama; ingqele yawangena lula, aza ke ngoko enzakala.

Dontsa

Kwasala uMahlamvu wakwa-Mafiyi, uMaqabane uyise kaSkotoyi no Skelem kaMathangana wakwaKhesa, asinda amadoda asixhenxe.

UDuba wezisa "umphunga" kuZibi. 'Umphunga' yinkomo enikwa inkosi yakuba impi ibikhe yanyebelezela yaya kuthimba ezizweni. UZibi wahle waqonda ukuthi xa kunje se konakele.

Ukhawuleze wathuma uNgetho wakwaZengele, induna yakhe ukuba aye kubikela uLehana ngento eyenziwe nguDuba. Uhlangene nomkhosi wabaDlongwa se uphumile ukuza kubulala uZibi. Kufanele ukuba amaMpondomise amphangela uZibi ukuya kuvisa uLehana.

Waliphethula ihafe sel'emehlo amnyama ukuya kubikela uZibi ngenkungu nelanga yempi yabaDlongwa ese iqalelekile.

Ithe ingadanga ifike emakhaya kwafika abathunywa ababevela ku Mhlontlo no Lehana becela uZibi ukuba koditywanwa kwa mfundisi u Meyer owayemi emantloko o Mthumasi emahlathini.

Wavuma uZibi; ufike eya boncedani ingahlomanga yenze iinto zamehlo. Umfundisi weenza ngako konke anakho ukuthomalalisa esoo sivuthu-vuthu. Yabuyela emakhaya impi ikpokpelana, kucacile ukuba uxolo alukho.

Olu duse uLehana walingena kuba amaHlubi ka Mpangazitha aye Lutshaba oludala Lwaba Dlongwa, oko kwakusemiwe eLuSuthu.

ULebenya yena waye ngowokuqqibela ekungeneni ngakubancedani, etsalwa ngumhlaba.

UZibi usenxile ngasemideni yabo waya wemisa e Siforweni kwa Mangamane into yakwa Dontsa.

Abantu bakhe babe sele
eHefele uninzi lwabo. Imizi
ekhoyo yayithe gqa gqa apha
naphaya ingumqudu ukuhlaba
umkhosi ukubahlanganiselo impi.
Ezi nkosi ke zambawela
uZibi, kuba zimbona engenampi
yakulwisa.
Ukuthimba iinkomo emfazweni
yayi lolona ludumo. Eziya
nkosi zacelwayo nguZibi se
zikho apha kunye nabantu bazo.
Kusuke uMsontwana lo ka
Libala wecala lakwaLudidi
wanyula amadoda ambalwa waya
wathimba iinkomo zomDlongwa
uMdima, beza nazo, bathe xa
basinga nazo eZingonyameni, baziyeka
zabuya umva; abaDlongwa
be ngababaphanga nelincinane eli ithuba.
Iqgipa lempi kaZibi yayi
ngu Gcibixhego into kaThembela
wakwa Masingila. Ngayo le mfazwe

ufike wafuna inkunzi yenkomo, ubonisiwe ipwexu elinkone.

Uya lathe ngomkhonto suka yadobla kwa oko. Amatsha-ntlizilyo ayi tsibela ayi bamba ngeempondo nongezitho, ayi khahlela phantsi ingqapintyelwanga ngamtya.

Yaxhelwa, kwandule ukufwanyiswa umkhosi ngenyama ethile esikwe emkhonweni wayo yadityaniswa nemisizi yeengcambu nomahlamvu emithana ethile.

Ukumka komhla, ngosuku ekwakuqinisekile okokuba ngemini elandelayo yodibana impi, amadoda ahlamba imizimba yawo ngentelezi eyenziwe kwa Liqqipa eli.

Olu nyango lwenziwayo, kukunyanga impi ukuze ingenzakali, ilwe inethemba nangesibindi.

Okunene ithe ngosuku olulandelayo yeza eyabancedani. Eka Zibi

ihLanganisene kwaMabutyana into yakwaNdLeLa, ngasemPuma-Langa KuLaa ntatyana uBonya.

EyakwaLudidi yayimi nje ya, inge ndaweni nje nekaZibi.

Ithe isajongene kangako, suka bafumza abaDLongwa kule yakwaLudidi. Yapoxiswa ididizeLa, yekoko ukusinga ngakwaMeyer kungekukho noku ba kuubi. Ekubuyeni kwabo, bonde ngekaZibi, axiLanga amaHLubi omzukulwana kaMpangazitha. Waye uMdima Laa mDLongwa ookomo zaphuncukayo ezandLeni zikaMsontwana seL' ezithimbile, engasagezi ngakho.

Wayethi eLapha abe engaphaya, ekhalima esithi, "Ndadla! Ndadla!" Uthe xa ajongene noLimina esathetha La mazwi, wabuya wee gwiqi, kanti kukweli

thuba uLimina sel'ebambile.

Watshisa! imbumbulu ingene ekhosi yaya kuphuma ebunzi, itshoba la lala umbethe. Amadoda akazanga ade anqhubane ngezifuba kuba yayi yeyemipu. Yayekana incamisene kangakho.

Bathe bakuthi khwitshi abaDlongwa se beyindlela ukugoduka, kwabondkala ukuba uMareka umDlongwa akavuthwa ngumsindo, usebusufwini bokunga kungájikwa kuye ku bulawa uZibi, angasiywa ephila.

Uthe akuba engamnanzi amawabo, wavakala ebongisela ngoZibi sel'ebocaphukisa ngabom abakowabo esithi,

"Tsoeu ea Setenane,
Le ee siile thotaneng.
Mohale oa marumo,
Ke eena eane a eang le thaba!
"

Kwaye kanye ɓe kungeli xeʃa ekaZiɓi impi, yayithe thande ethambekeni iɓonela ukumka kweyoɓaDLongwa.

Umntu owanxhwelepwa emsipheni wonyawo yimbumbulu-phofu iLinxetyana eLingeni, ngumntwan'enKosi uNgdqangana.

Impi yonke yasinda, ngaphandle koMaphasa Lo ka Magodla wakwaMzizi, owasuka wee qeɓu kule yakowaɓo ngendLelana engaziwayo, kanti koku aza kuɓaqwa ngaɓa seLutʃha ɓeni apho akhona, waphelel' apho ukuɓonwa ephila.

Aɓaɓe lapho ngaloo mhla, aɓaɓuLiɓali ~~uɓukhali~~ uɓukhaLipho ɓukaZiɓi. Ɓathi kwathi okukhona idaɓi Liya Lisenyukelana kwaɓa kukhona adla imbadu ngamandla, etʃhaya icuɓa, eɓongisela eloo qeLana Lakhe echwayitile, waza

yonke le nto wayithatha ngokwendlalo. Abancedani aaba bafumana ukuthi yingozi yodwa kubo ngokubakho kuka UZibi kulo mhlaba; ekuyi loo nto ke bathe bayila icebo limbi lokumsenxisa.

Bawunqula yonke into eyindoda ekumaMpondomise, ekubaDlongwa nakubeSuthu bakaLebenya. Beza ke ukuza kubulala (mora oa Setenane) unyana kaSidinane, nje ngoko batshoyo.

UZibi wabona ukuthi yayi ngaba kukuzixhoma, ukumelana ethafeni nezi nkosi, kungoko athe ebantwini bakhe ma kuwelwe kuyiwe eMatatiele.

Wakha wemisa kwaMagadla, kwathi emva konyaka wabuya wafuduka apho, wemisa umzi wakhe kule ndawo yaziwa ngokuba kukuwa Catshiso lo ka Mapanga ngoku.

Abantu bakhe baba ziintsali, bakho aaba bemayo kulowa mhlatyana ube ulunge kuGibixhego eTshisa naseDlabane; baaphantsi kwakhe, kuba wawuliqabo lakhe awalifumana kuAdam Kok. Ukuwela oku aye kunyanga impi kaZibi kukuba waye liqgipa. Iinkosana zonke zama Hlubi ezazi kummandla wase Matatiele azi welanga ukuya kumnceda, kuba zazi phantsi kolawulo luka Adam Kok.

Imvume ayi bonqakho.

Kwithuba angekhoyo uZibi kwisithili sase Mr Fletcher umfundisi uHenry Meyer usal' esima bume ezamana noTulumente ukuba ma kabuyise uZibi amlungisele indawo, athomalalise nesi siphendu.

Ngathi uTulumente wasi sabela esi sicelo sika Mfundisa, kuba kuthe emva kweminyaka emithathu ekweloo lase Matatiele weva sel' ebizwa

ngoSikhunyana, noKeuben no
-ngakelinkeyu ke aaba, uku
Ekuf:Keni kwakhe, u
umbloba. Kuthiwe amanyi
eThina kwezala LasemPumu-l
alunye kuZuibi, kwathiwa
eKimpa kuzala Lase Nkfone
aaye kuSikhunyana, kanti
okokuba wonke loo mblaba
uLeSenya, uZuibi useLeye
ngaphambili umda womb
kwakhe yaye likimpa nga
Langa. iLiThina ngak
Ngoku xa kuthethwa
sifumana amanyi elela eK
elilizwe Lipheleyo kunala
eThina.
Luna mfundisi u M
se-Mthumasi owaye kade
iinzame zokuba intosi yak
kulye, waba ngelifwe xa k
umhlaba wawele kwizala
LaeSenya, a ka lunga kwelia

ngoo Sikhunyana, no Reuben no Griffiths. — ngabelungu kee aabo, ukuba abuye.

Ekufikeni kwakhe, wasikwa umhlaba. Kuthiwe amanzi elela eThina kwicala lasempuma-langa alunge ku Zibi, kwathiwa elela eKinira kwicala lase Ntshona-langa alunge ku Sikhunyana, kanti kuthethwa okokuba wonke loo mhlaba unikwa u Lebenya; u Zibi usel' eze, kanti ngaphambili umda womhlaba wakhe yayi li Kinira ngasempuma-langa ili Thina ngase Ntshona-langa.

Ngoku xa kuthelekiswayo sifumana amanzi elela eKinira elilizwe liphela kunalawo elela eThina.

Lowa mfundisi u Meyer waye se Mthumasi, owaye kade esenza iinzame zokuba inkosi yakhe ize kuye, wethe ngelishwa xa kucandwa umhlaba wawela kwicala lika-Lebenya, akalunga kwelika Zibi,

ngaphandle kwezeLizwi kuphela.

Kuthe kwakuba kuqondakele ukuba umhlaba kaZibi ubukhulu bawo uwele ngakuLebenya, aabo babe sakuba ngabakhe, ababanga sangwena ukubuyela kwelo kwaSala u Mibo wakwa Ndlela no Ndawo wakwaJali nabanye. Inxalenye yaaba basalayo base bemi kwisiqwenga sikaGibixhego. Akuthi kusenjalo kufike uLuphindo evela ngase Cedarville emise eManxoweni phaya, besemi kuyo le ndawo.

UGibixhego ubuye wanakana ngokubuyela kwinkosi yakhe uLudidi awakha wamkhonza kwiimini zamzuzu. Lo mhlaba wakhe wawunikela kuLuphindo; kukuze aaba bantu basalayo babe ngoku bolunge kwaLuphindo kaLuzipho nje.

Le mfazwe uZibi uyilwe sel'elikholwa likaKristu.

Igama Lobukholwa awalithiywa ngalo mhla waphehlelelwa eWitterbergen eHesele phaya, kwihlelo Lase Wesile ngu David.

Ekuzeni kwakhe kweli Lase Griqualand East wakha wacela umfundisi wakhe eWitterbergen apho ukuba amkhulule umfumayeli ehle naye.

Wamangala, kwaba ke kukuncama kwakhe. Uthe akuba ekule nkohla, wafumana wacinga

ngoyisekazi u Mangoba owaye
se Koloni. Waya kubuza ihlelo Lakhe
okanye ihleLo elaliLela bantu bakowabo.
Akuba ekholisile ukuva ngalo,
u Mangoba wayisingisa Le ndawo
kubafundisi ba khe behlelo Lase-
- Moravi (Moravian Church).
Kukuze emva kwemigudu
ethile nokucokiselana, bamkhululela
umfundisi u Henry Meyer Lo
ubali Linxulumene nelakhe.

Wamisa umzi wesikolo sabafundisi eMthumasi, eZinchuka naseThinana, wandul' ukumka ngowe 1875.

Ma kuthi emva kuka Henry Meyer kufike abanye abafundisi ababini abelihlelo, u Otto Padel no A. Richter.

Omnye waaba bafundisi weza kuLuphindo efuna imvume yokumisa umzi wesikolo emhlabeni wakhe. U John Ndawo ekunye noLuphindo nomnye waaba bafundisi bathe bekhwele emahaseni, bagala ngaseZincandeni ngomnye umhla be zingela indawo efanele ukuba ingaba ngumzi wesikolo sabafundisi.

Lo mhla ba bawunyathelayo bafika uyinkqantosi kungekho mthombo unamandla owawunokuba lithemba ngamaxesa embalela, waye umhla ba kaLuphindo

ubukhulu bawo ukholise ukuba njalo. Xa izulu lithe lavuma lehlisa iimvula zoxolo, ithanga lakhona be licandwa kubini ukuze umfazi abenakho ukulithwala.

Behlile behamba belonga-longa, hayi bo, abanela zizo zonke ezoo ndawo, bade bathi kungenini bafika phezu komlambo ikinipa, apha ke, bafumana indawo eya bakholisa kakhulu; batsalwa ngumthombo omkhulu ophuma ngaseNtla-mPuma esihlanjeni, ufike ubethe ngasempuma-langa kuhle kuloo ndawo babemi kuyo, andule amanzi awo aye kwelela ekinipa. Bathe nokuba linqade libalele, amanzi alo aye ngaba lunceda. Batsho bathi, amanzi alo mthombo angaququlwa lula ukuza kunyakamisa umyezo weziqhamo nezitiya zemifuno.

Esi sikolo sikwaLuphindo ngoku kuthiwa yiBethesda sasekwa ngalo ndlela.

Kuva kala okokuba bese bekho aaba bacitshwe liLizwi, babesuka eTshisa phaya bawele iKinipa baye kwa Meyer eMthumasi ukuya kuphula-phula iinDaba zoXolo.

Kwathi mhla kwadalwa iBethesda, bawajika amabombo beza ekhaya.

UZibi umise emaDlangeni, apho abubele khona ngomnyaka we 1910 kwisithili sase Mt Fletcher.

UZibi uziwa yintombi uGcinile owendela ku Mangqamane wakwa-Dontsa, yena eziwe ngu Ngaqangana, yena eziwe ngu Ntloko.

UZibi ushiye uMshweshwe (Johannes) kwindlu yakhe enkulu, kweyesi ~~thu~~ bini ushiye uSilulwana, kweyesithathu ushiye uNgangezwe,

ɓoɓaɓini oonyana aaɓa ɓakhe ɓokuqqiɓela ɓafe tanci kuye ngemfazwe yamaBulu ngowe 1901.

UMſweſwe uzala uGeorge; uSilulwana uzala uEdward lo wakha wemka Kakhulu nomoya ka Dr Wellington owaye sithi ungumMerika phofu thina simázi engowakwa-Ɓuthelezi ngakwa Zulu.

UNgangezwe uzala uGeɓane (Enock).

UNgaqangana, ikhalipha elikhulu wazeka intombi yakwa Maziɓuko ka Mtumtum, ngoyo uzele uSoluxakalala no Guɓela intombi, yena uzala umZinyathi.

# Izibongo zikaZibi.

## II

"UBelu Lakwabo Nomahala noMtambose.
Gcula-gcula wakwabo Gcinile.
So-Nda b'awuthandwa mntu,
Nditsho kwaba kwa Ntsele.
Makhubal' adliwa nguMdima wakwa Lehane
Nditsho kwaba kwa Motonosa.
Baya kukuxelel' aba bekho.
Ndandingekho mina,
Ebuhlanti kwa Mabutyan' into yakwa Ndlela.
Iindaba zibuzeni kuMaphelebа
Into yakwa Sikhosana.
Yinyama ka Mhlontlo, noLebenya noLehane,
Bayibenga bayidonsisan' elukhalweni kwa Meyer.
NguNdab' ayithethwa, ngoba sasingekho thina.
Waba Leenkomo zabe Suthu
Zoo Mshweshwe noMohale.
Siwolokohlo ngathi ngamanz' o Ndi.
Lipamncw' elimaziny' azinqindi,
Bathi baya Libamba ladudla."

# (9) UMNYAMANA.

UMaSwabada uzala uMema kwindlu yakhe enkulu, kweyesibini uzala uNgobizembe, yena uzala uSibenya kwindlu yakhe enkulu; kweyesibini uzale uMvelase. Le ndlu yeyasemaTeledwaneni.

UMvelase uzala uNdabazandile kwindlu yakhe enkulu, omnye unyana wakhe nguLunika ogama limbi linguPotwana. Asiyi kumchana kakuhle eyona ndawo yakhe.

UPotwana uzeke uPhikwa wendlu yakwa Ntsele, ngaye uzala uMnyamana no Nomawa udade wabo. Ngentombi yakwa Mazibuko uzala uTShankana, uBayi I, uTadebe III no Mthethekazi.

Ngo Mazinja uzala uMkamntu, ngo Ma-Khambule uzala uStofile.

UMnyamana ubemi

ngasentsona-Langa kumLambo iKinira, ngasentla-ntsona kuka Ntsinda-ntsinda, Bemelene; yena uzeke intombi yase Ma-Simangeni, ngayo uzele uBayi II, uMLimose, uNomacala, uNoziqhotho, uSigwadi, uTabi, uMthwalose no Meyisi.

NgomaKhambule uzala uKpaphunana, uMabophe, uNomfula, uMazezi no Nobadlongwe.

Ngentombi kaLudidi u Qingatha uzala uNzimakazi, uKiti, u Paul, uMadingase, uDelekile, uNokwazi no Mcondo.

Ngentombi ka Nondabula uzala u Orobeni [Reuben), uSimahla, uLukazi, uKhanjana, uMeshack no Silas. UBayi yena uzeke intombi ka Sobuza, wabuya wazeka eka Dalasani, zambini ezika Makhawula neya kwa Miya.

Unyana omkhulu ka Bayi ngu LeFLeur, amzele ngentombi

ka Makhawula uMaria.

ULeFleur yititshala ephumelele uviwo Lwe Native Primary Higher. Uthe akubona ukuthi le nkomo yoBukhosi asiyiyo ntsengwane kazi, wazicitshela ubutitshala, saza isihlalo sakhe wasinikela uMongameli Lo kayisekazi uSigwadi, ukuba abambele unyana wakhe ade akhule.

# (10) UMBADU.

UMbadu uzalwa ngu Mqunguluzana oza ngomlibo ka Ludwala oyimbutho apha emaHlubini. Inzala ka Ludwala yaziwa ngokuba yimi Yemane kuba wasuka wayema (watyeka) ngalaa mhla uDlomo wayesithi